# Umakhulu nekati yakhe uDzidzi

Ibhalwe nguPandelani Claudine Rambau
Izotywe nguHeidel Dedekind



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi

Ngenye imini umakhulu wayehleli ngasesitiyeni ehluba umbona.
Wabona kufika ikatana encinci.
Ikatana encinci yayinombala omnyama namhlophe. Umakhulu wayengazi ukuba isuka phi loo katana incinci.
Wayisondeza kuye umakhulu efuna ukuba imqhele le katana.



UMakhulu wayibiza ikatana wathi,
"Dzidzi, Dzidzi!"
Ikatana yaphendula yathi,
"Nyaawuu, Nyaawuu!
Yasondela kumakhulu inyuse umsila wayo.
Umakhulu wayithatha eyibiza,
"Dzidzi, Dzidzi!"





Umakhulu wafumanisa ukuba ikatana
encinci ilambile, ze wathatha isidudu
wasigalelela ubisi.
Wayinika isidudu ikatakana encinci.
Yatya yaze yahlutha mpu.
Akugqiba ukutya uDzidzi, walala
ecaleni kukamakhulu.

Ngezinye iimini, umakhulu wayeyigalelela isidudu esinesuphu ikatana yakhe.
Wayemnika namathambo ukuba ahleze uDzidzi.
UDzidzi wahlala nomakhulu akaze aphinde agoduke.
Ebusuku wayelala phantsi kwetafile.





UDzidzi wakhula wayikati entle enengqondo.
Ngenye imini uDzidzi wabamba impuku eyayisendlini waze wayibulala.
Wakuvuyela kakhulu umakhulu oko.
Iimpuku zazitsalwa ngumbona owawufakwe ezingxoweni ngumakhulu apho endlini.



Umakhulu wamthengela ibhedana aza kulala kuyo uDzidzi. Wamthengela nengubo eshushu ethambileyo ukuze angagodoli. UDzidzi walala kwigumbi ekwakugcinwe kulo iingxowa zombona.

Ekupheleni kweveki yokuqala wayesele ezibulele zonke iimpuku uDzidzi.



Zathi zakuvalwa izikolo, uZizo, uLizo, uAthenkosi noWanga batyelela umakhulu. Aba bantwana bakonwabela kakhulu ukudlala noDzidzi. UAthenkosi yena wayesonwabela ukupha uDzidzi ukutya.

Ngomhla weKrisimesi, uDzidzi wanikwa ukutya okuninzi.
Watya inyama kuphela uDzidzi kuba yayininzi kakhulu.
UAthenkosi wazama ukumpha iiswiti neetshiphsi uDzidzi kodwa zange azitye.
Wayengazi uAthenkosi ukuba iikati azizityi iiswiti.





Kwiveki esemva kweKrisimesi, abantu bathenga ikhrikethi abaza kuziqhushumbisa xa bephetha unyaka. Ngomhla owandulela unyaka omtsha, iikrikethi zazibekiwe zilindele ukuqhushumbiswa kumakhaya ngamakhaya. Kwakuvakala intswahla nemikhwazo, "Nyaka omtshaaaaa!" UDzidzi wabaleka waya kuzimela phantsi kwebhedi.

Kusasa, umakhulu wakhangela uDzidzi. Wamkhwaza kodwa zange amfumane. Umakhulu wavusa abazukulwana bakhe wabacela ukuba bamkhangelise uDzidzi. Bajonga kwindawo awayelala kuyo kodwa abazange bamfumane.





UDzidzi wafunyanwa ezimele phantsi kwebhedi. Umakhulu wamthatha emkhwaza, “Dzidzi, Dzidzi!”
Emva koko umakhulu wachaza ukuba izinja neekati ziyazoyika iikhrikethi eziqhushumbiswayo.
UDzidzi wayekuvuyela ukuyekwa kokuqhushumbiswa kweekhrikethi.

